**EXAMINATIONS AND ASSESSMENT CHIEF DIRECTORATEHome of Examinations and Assessment, Zone 6, Zwelitsha, 5600 REPUBLIC OF SOUTH AFRICA, Website: www.ecdoe.gov.za**


# 2025 NSC CHIEF MARKER'S REPORT

| | | | |
|---|---|---|---|
| **SUBJECT** | **ISIXHOSA HOME LANGUAGE** | | |
| **QUESTION PAPER** | | **2** | |
| **DURATION OF QUESTION PAPER** | **2½ IIYURE** | | |
| **PROVINCE** | **EASTERN CAPE** | | |
| **NAME OF THE INTERNAL MODERATOR** | **DR BILATYI** | | |
| **NAME OF THE CHIEF MARKER** | **NKSZ MDA QC** | | |
| **DATES OF MARKING** | **28.11.25 / 12.12.25** | | |
| **HEAD OF EXAMINATION:** | **MR MABONA M. E** | | |

**SECTION 1**: (General overview of Learner Performance in the question paper as a whole.


- mana eli thutyana lokwenza le ngxelo ngeli phepha lesiBINI lweemviwo ebezichotshelwe zokugqibela ngabavavanywa balo nyaka wama- 2025. Imibuzo yeli phepha ili-17. LinamaCandelo amathathu. Icandelo lokuqala linemibuzo emihlanu , esekwe kwimibongo. Icandelo lesibini linemibuzo esibhozo esekwe kwiiNoveli ezintathu, Inkawu idliw' ilila , Nyana wam! Nyana wam ! , Ukhozi olumaphiko nakuncwadi lwemveli. Icandelo lesithathu linemibuzo emine esekwe kwiiDrama ezimbini, ezithi, Buzani kubawo eyesibinii iNdlal' inamanyala.
- Ayonwabisi ncam indlela abaqhube ngayo abavavanywa balo nyaka. Libathwana labaviwa ababonakalisa isakhono esincomekayo solwazi olunzulu lokuhlalutya uncwadi, oko kutsho bazibone beseGcibhala. Ingxaki ezithwaxe abo baye abaphumelela ibe kukungabinalwazi ngokupheleleyo ngeencwadi ezifundwayo, bambi bakhuphela izicatshulwa ezikwimibuzo abanye babethwe yindlela yokukhetho, abayigqalanga imiyalelo yendlela yokukhetha imibuzo. Kwicandelo lokuqala baphephe umbuzo wesihlanu ongumbuzo onyanzelekileyo. KwiCandelo lesibini nelesithathu baphendule imibuzo emifutshane kumacandelo omabini okanye baphendule umbuzo omde nomfutshane kwiCandelo lesibini kuphela ze ubugwenxa ababenze kolu khetho kubaphulukanisa namanqaku kuba kwelokuqala icandelo uphulukana manqaku ali- 10, ukanti kwicandelo lesibini nelesithathu uphulukana nama-25 amanqaku.

IGRAFU ENIKA UMFANEKISO WAMAPHEPHA ALIKHULU




Le grafu ingasentla yeyebathwana labafundi abalikhulu abatyunjiweyo. Kweli bathwana labafundi mithathu kuphela imibuzo engaphendulwanga ngabafundi, umbuzo 10, 12, 13. Kwicandelo lokuqala imibuzo ephala phambili kuleyo kukhethwa kuyo kulo nyaka ngumbuzo 2 no 3 ngokomyinge wamanqaku ngumbuzo 2 ophendulwe bhetele. Umbuzo 1 sisincoko sombongo ukhethwe ngabafundi abambalwa nabo abaqhuba kakuhle, kwikhulu labafundi ukhethwe ngabasibhozo nabo bawukhethileyo bafumana umyinge wama-34% amanqaku. Umbuzo 5 ngumbuzo ekunyanzeleke ukuba uphendulwe ngabaviwa bonke. Uninzi lwabo bawuphendule kakuhle lo mbuzo, ngowona uphala phambili ngamanqaku akumyinge wama- 70,4. Xa sithelekisa nonyaka ophelileyo sibona umahluko we- 3% ku- 67 % wonyaka ophelileyo. Basixhenxe kuphela abangafumananga nelinye inqaku ngenxa yokuwuphepha lo mbuzo. KwiCandelo Lesibini neLesithathu kuqapheleka ukuba ngokwale grafu baphendule ngcono kwimibuzo esisincoko kunakwimibuzo emifutshane. Umahluko ungaphezu komyinge wama- 20% phakathi kombuzo omde nomfutshane kwincwadi nganye. Bambalwa kakhulu abaphendule umbuzo we- 8 nowe- 9 kodwa abo bakhethe umbuzo 8 bankqenkqeza phambili ngamanqaku. Bane kuphela kwikhulu labafundi abakhethe umbuzo 8 baza bawuphendula kakuhle kakhulu.

**IGRAFU ETHELEKISA IZIPHUMO ZEMINYAKA EMITHATHU**




Siqaphela ukubangokwale grafu ingasentla lihlile inani labafundi abakwinqanaba 1 kunelonyaka ophelileyo. Inani labafundi abakwinqanaba 2 nalo lihlile kunelonyaka ophelileyo ukanti inani labafundi abakwinqanaba 3 linyukile kunonyaka ophelileyo. Inqanaba 7 lihle kakhulu ngomyinge we- 5 % Inqanaba 6 lehle ngomyinge we-6.9%. Inqanaba 4 linyuke kakhulu kunonyaka ophelileyo . Uninzi lwabafundi luzinze kwinqanaba 5. Le grafu intama ukungaphucuki kakuhle kweziphumo zalo nyaka wama-2025 kweli phepha. Singabalula ezi zinto zilandelayo njengonobangela wokungancumisi kweziphumo;

- Ingxaki yokungalandeli imiyalelo yamaCandelo. KwiCandelo lokuqala kukho abaphendula imibongo yokuqala emithathu, bangawuphenduli umbuzo 5 onyanzelekileyo, yenze baphulukane namanqaku ali-10. Bambi bathi bewubhudile lo myalelo weCandelo lokuqala baphinde babhude nalo weCandelo B no C, aphendule imibuzo emifutshane yodwa,aphulukane namanqaku angama- 25.
- Bambi bayasilela ukutolika imibuzo suka endaweni yokuxhasa ngeziganeko ezisencwadini basebenzise izimvo zabo ngokungathi babhala iphepha lesithathu.
- Inxalenye yabafundi iyibhala yonke imibuzo yeCandelo A, iphinde iphendule intlaninge yemibuzo kwiCandelo B, iphendula neencwadi engazifundiswanga, olu didi lwabafundi akukho namnye umbuzo oluwucoselelayo kuba luleqa ukugqiba iphepha lonke. Liphela ixesha eqala isicatshulwa seCandelo C, loo nto yenze singabisajongwa kuba nakwiCandelo B ubeqale ngesicatshulwa.

- Kwimibuzo ezizincoko zoncwadi kukho ababhidanisa indima zabalinganiswa, kwiNoveli uMfuneko amdlalise indima kaMfezeko, kwiDrama uMaGatyeni adlale indawo kaMamQhinebe, eso siphene sikhokelel ekulahlekeni kwamanqaku.
- Baliqela abo banganalwazi luphangaleleyo ngezi ncwadi. Iimpendulo zabo zintama ukuba bangene ephepheni bexhomekeke kulwazi lokubaliselwa, ababanga naxesha laneleyo lakuzilolongela eli phepha.

**SECTION 2: Comment on candidates' performance in individual questions**

| **General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?** |
|---|
| **ICANDELO A** |
| **UMBUZO 1**<br><br>Abafundi abaninzi abawuphendulanga umbuzo wokuqala , osisincoko sombongo, ULangalibalele. Kwelo qaqobana likhethe lo mbuzo u70% walo uyasilela ukuphendula umbuzo ofuna umfundi atyhile isigama esisetyenziswe ngenjongo yokumenza simthande uLangalibalele. Abakwazanga ukutolika umbuzo yaza loo nto yenza babholel ' ecaleni abaninzi. |

| **ICANDELO B** |
|---|
| Kweli Candelo kuphendulwa umbuzo omde okanye omfutshane kwiNoveli nganye. Abafundi abakhethe umbuzo omde bawuzamile kunabo bakhethe umbuzo omfutshane. Uninzi luphendula INkawu idliiw' ilila, bambalwa abaphendule uNyana wam ! Nyana wam, incwadi ethi, Ukhozi olumaphiko kunye noncwadi lwemveli ngabafundi ababonakala bephambukele kuzo kuphela abayiphendulayo imibuzo kuzo. Ezo zaphuselane ke zibonakala ngokusuka athi gqi yedwa umviwa kubantwana abangamashumi amathathu kwibatch ephendula incwadi yakhe yedwa engaphendulwanga ngabanye kuqapheleka ke ukuba abafumani manqaku abo benjenjalo kuba baphendula bexhomekeke kwizicatshulwana ezilandelwa yimibuzo, bengenalwazi nangebali lencwadi abayiphendulayo loo nto yenza bangafumani manqaku, kuba baphendula ngathi baphendula isicatshulwa sephepha lokuqala.<br><br>Abanye abafundi bakhangeleka bengayazi incwadi, iNkawu idliw' ilila okwabantu abayibaliselweyo bengakhange bazihluphe ngokuyifunda bona. |
| **ICANDELO C** |
| Kuqapheleke ukuba nakweli Candelo abafundi abaphendule imbuzo emide bafumene amanqaku athe vetshe kunabo baphendule imibuzo emifutshane kwezi ncwadi zombini.<br><br>Umbuzo 14 no 16 uninzi liwuphendula kakuhle kodwa bakho abaphendula okwabantu abayibaliselweyo incwadi okanye abayigqibela kudala ukuyifunda |

abangazikhumbuzanga ngayo . Olu didi lubalisa ibali ngokulazi kwabo befaka iingongoma ezingasondelanga tu kumbuzo obuziweyo.

Umbuzo 15 no 17 abawuphenduli kakuhle, kunqabile ukubhaqa umfundi ofumana u-25 kule mibuzo, uninzi luwa kwinqanaba koluqala kule mibuzo nangona ikho imbinana ezamileyo ukuyiphendula.

**Why was the question poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.**

**ICANDELO A**

**UMBUZO 1**

Bambalwa abafundi abaphendule umbuzo wokuqala , osisincoko sombongo, uLangalibalele. Kwelo qaqobana likhethe mbuzo u70% walo uyasilela ukuphendula umbuzo ofuna umfundi atyhile isigama esisetyenziswe ngenjongo yokumenza simthande uLangalibalele. Endaweni yokunyothula isigama basityhile basuka banike umongo wombongo, okanye baveze gabalala into abacinga ukuba kuthethwa ngayo kulo mbongo, bangayami tu kokulindeleke kumbuzo. Loo ndlela yokuphendula ukhokelela ekubeni umfundi awe kwinqanaba lengaphumelelanga. Bakho abo basuka bakhuphele lo mbongo unjengokuba unjalo, loo nto ikhokelela ekubeni bangafumani nelinye inqaku. Kukho abazamayo ukusonyula isigama kodwa bohluleke kukusityhila / kukusixoxela.

**UMBUZO 2 , 3 , 4**

Uninzi lwabafundi luwukhethile lo mbuzo , u2.1, 3.1, 4.1 abafundi abaninzi bayichana le mibuzo bambalwa abo bangazaziyo ezi mpawu zemibongo zifunwaa kule mibuzwana. Abaye bafumane inqaku elinye ngabeza nophawu olunye.
Umbuzwana 2.2, 3.2.4,2 kukho imbinana ebhidanisa ulwimi loncwai nolwephepha lokuqala, endaweni yokunika ixesha ngokwesimo sentlalo banika ixesha ngokokuguquguqulwa kwezenzi. Umzekelo, ixesha eladlulayo / ixesha langoku.
Kwimibuzwana 2.3, 3.3, 4.3 kunqabile ukubhaqa abafundi abayazi ncakasana intsingiselo yala mabinzana akrwelelwe umgca ngaphantsi. Kumbuzo 2.3 endaweni yokunika intsingiselo ebonisa intshukumo ekhawulezileyo/ engxamileyo basuka bathi, “Waya, wathatha”
Kumbuzwana 3.3 bayohluleka ukutyhila ukuwohlozeka bathi abhubhe, afe.

Umbuzwana 2.4, 3.4, 4.4 ufuna umfundi achaze udidi loxhatshazo, aze anike umzekelo. Amanqaku ahlulwe kubini, uninzi alukwazi ukufikelela kuzo zombini ezi mfuno zombuzo. Ukuba unike umzekelo obonisa uxhaphazo akafiki kudidi loxhaphazo ioo mpenduloikhokhelele kwinqaku elinye endaweni yamabini.
2.5, 3.5 , 4.5 kule mibuzwana uninzi lufumene inqaku elinye endaweni yamabini kuba banika imfundiso bangayixhasi impendulo yabo. Kukho nabo banika umyalezo endaweni yemfundiso.

**UMBUZO 5**

Abafundi abaninzi baqhube kakuhle kulo mbongo. Abo babethekileyo kulo mbuzo ingxaki ibe kumbuzwana 5.2 apho bakhethe iinzuzo ezimbini ezinika intsingiselo enye, umzekelo " ubayindumasi / waziwa ngapha nangapha" loo mpendulo yenza afumane inqaku elinye endaweni yamabini.
5.3 Kukho imbinana ebhidanisa imiqolo namagama, endaweni yokuthi , istanza sokuqala sinemiqolo emine esesibini sinemiqolo emihlanu, bathi sinamagama amane esinye sinamagama amahlanu.
5.5 Umbuzwana ufuna ifuthe lokuphinda phinda igama, uninzi lunika impendulo ethi ludala isingqisho okanye undindwano bambi bathi luyagxininisa okanye lubethelela loo nto kuthethwa ngayo, endaweni yokuyichaza le nto igxininiswayo njengoko ibekiwe kumbuzo.
5.6 Abafundi banika injongo ze bangayixhasi impendulo yabo, nanjengoko umbuzo uyalela njalo. Kukho aba bangakayibambi injongo bayibhidanisa nomyalezo nemfundiso.

**ICANDELO B : INOVELI**

**UMBUZO 6**

Lo mbuzo umvi ulindele imiqobo emininzi uMapheza adlule kuyo de aphumeze ubunganga bomthetho. Bakwazile abafundi abaninzi ukuyinyothula le miqobo ngokwasebalini bayixoxela ngokuvokothekileyo bexhasa ngemizekelo esencwadini nezincoko zabo zicwangcisiwe ngokwesakhiwo, zinayo intshayelelo nesiphelo. Loo nto ikhokhelela ekubeni bawele kwinqanaba labagqwesileyo.

Udidi lwesibini lwabafundi lujikeleza kumqobo omnye wokudliswa ityhefu kukaMapheza, nguNqoza noMfuneko okanye owokubiwa kukaMapheza esibhedlele asiwe kuSiphongo ngeenjongo zokuba abulawe ngovutha, angayikhankanyi eminye imiqobo elindeleke kwimpendulo yombuzo.

Kukho udidi lwesithathu lwabafundi ababalisa ibali beqala ekudibaneni kukaThantaswa noMsindisi ngaseWSU aye kuthi xhaxhe ekufeni kukaMsindisi, indima kaMapheza ayiveze xa exabana noMfuneko esikhululweni samapolisa bexabana ngoHlengiwe, angangeni tu kwindima kaMfezeko yokuphandwa kwetyala lokufa kukaMsindisi. Olu didi alufumani manqaku kuba aluwuphendulanga mbuzo.

Olunye udidi ngabo babhala bebhidanisa abalinganiswa, indima kaMapheza ayinike uMfuneko, uThantaswa atshate noMapheza, uMfuneko abe ngumphandi wetyala elinoMfezeko obuleleyo. Kukho ke nabo bathatha bafaka uGugulethu endaweni kaMapheza. Bambi beza nabalinganiswa beNoveli yebanga- 11 uNgenxa Yesithembiso, uDumile, uNomsa noMavis babafake kule ncwadi. Basebenzisa iziganeko ezenzeka kuMapheza bazivube nezenzeka kuDuile Jojo kuNgenxa yesithembiso oyincwadi yebanga le-11.

Udidi lokugqibela olungafumananga manqaku ngabo bakhuphela ezi zicatshulwa zikumbuzo 7 zinjengoko zinjalo kulo mbuzo 6.

**UMBUZO 7**

7.1 Baphulukana namanqaku abafundi kuba abakwazi kutolika intetho ethi, "xa sele enilume wanigqiba" bathi uMapheza uyaluma kuba uzonibulala anigqibe.

7.2 Kukho imbinana esokoleyo ukuveza injongo beyithelekisa nesiphumo.

7.4 Bayaxhasa endaweni yokuchasa ukuchaneka kwamazwi, bathi uyaluma uMapheza kuba waphandd ababulali bakaYangaphi wabafumana.

7.5 Bayasilela ekuphenduleni umyalelo othi, "Tyhila " banika ingongoma bangayixoxeli. Lo mbuzo ufuna iingongoma ezimbini abanye abafundi banika ingongoma enye ebonisa ukohluka kwezimvo, yenze loo nto bafumane inqaku eli-1 endaweni yama-2. Impixano abayichani abanye basuka banyothule umqolo apha kwisicatshulwa ongabonisi mpixano.

7.6 Umbuzo ulindele ukuba kuziwe nesiganeko esibonisa uNqoza encedisa kulwaphulomthetho, abafundi beza neseno sikaNqoza esophula umthetho, umzekelo bathi, waya emsebenzini enxilile.

7.7 Abafundi abaliveleli icala lesibini lobumbolombini, bavelela icala lamapolisa ophula umthetho kuphela, bangaliveleli elamapolisa akhusela umthetho,okanye avelele elamapolisa akhusela umthetho angaliveleli alalawo ophula umthetho butsho bungaveli ke ngoko ubumbolombini.

7.8 Lo mbuzo ube yinyam' edada kubafundi bonke.

7.9 Bayabuveza ubunyekenyeke bokuzama nokubulala uMapheza bangegqithi apho kanti umbuzo ufuna babutyhile obu bunyekenyeke besi senzo. Xa utyhila kufuneka ibe selubala le nto uthetha ngayo, ungayijuli nje.

7.12 Kulo mbuzwana kulindeleke ukuba umfundi anike intsingisele ngokwalapha kuncwadi anike nesiganeko esixhasa inkcaza yakhe ukuze ube uphenduleke ngokupheleleyo lo mbuzo. Uninzi lunika intsingiselo yentsusa ze ingangeni encwadini ,oko kutsho ingezi nasiganeko ngokwasencwadini . Mababonise ingxaki akuyo uThantaswa engenakuzikhupha kuyo kuba amaqhinga ache noMfuneko avelile, akusekho cebo limbi.

7.13 Kunzima ukuza nobungqina obusencwadini obubonisa ukuchaneka kokuyibiza indibongo imeko akuyo uThantaswa bona bachaza nje imeko akuyo uThantaswa enkulu uabone ukuba kungcono azidubule ayishiye.

**UMBUZO 8**

Bambalwa kakhulu abafundi abaphendula le ncwadi, yaye babonakala beyichana imiqobo elihlangene nayo iqhawe elinguThole de aphumeze injongo yalo yobomi. Abangaphumelelangakulo mbuzo ngabo batsibele le ncwdi bengayifundiswanga.

**UMBUZO 9**

9.4 Bayasilela kulo mbuzwana kuba abasiveleli intshukumo kaThole ebonisa ukuba lithemba kwakhe kwindlu emnyama, bavelela into yokuba uye wafunda wanguGqirha kwezakwaLizwi.

9.5 Kulo mbuzwana abaviwa ababonakalisi kuyityhila le mpixano yangaphakathi koko iveliswa sisenzo sokubhomboloza kukaThole, endaweni yoko, banika inkcaza ebonisa ukukhala kakhulu kukaThole, kungabikho nto ibonisa ukohlukana kwezimvo kunye neenjongo zakhe.

9.7 Ubumbolombini obulindelwe ngumbuzo kwindlela abenza ngayo abefumndisi abafika eGeorge Gosh bayasilela ukubuveza abafundi abathile, bakho abavelela icala elinye kuphela, iziyolo abeyela kuzo abefundisi, ibenze loo nto bangafumani manqaku kuba amanqaku adibene.

9.8 Baninzi abafumana inqaku elinye kulo mbuzo kuba babalula uMaqoma kuphela kuba khona kwisicatshulwa.

9.10. Kulo mbuzwana kuba kuthiwe ngokweNoveli ungambopheleli kwisicatshulwa nangona impendulo elindelekileyo ikwisicatshulwa , bayaphuma kuso banike impendulo gabalala baphethe bangayichani impendulo.

**UMBUZO 11**

Bambalwa kakhulu abafundi abakhethe lo mbuzo, ulwazi lwabo lumfiliba bancedwa ziimpendulo ezifumaneka apha kwizicatshulwa kuyacaca ukuba abazange bayenze ngaphambili.

**ICANDELO C : IDRAMA**

**UMBUZO 14**

Abafundi abakhethe lo mbuzo bawuzamile kakhulu. Uninzi lwabo luphumelele ukudakanca amashwa ahlangene nawo uGugulethu ngenxa yokuthanda uNomaMpondomise. Abangaphumelelanga ngabo basuke babalisa ibali, begxila kwimiba engenanto yakwenza namashwa kaGugulethu, nabo bakhuphela izicatshulwa zinjengoko zinjalo. Kukho abagxila kwindima kaZwilakhe baphambuke ekutyhileni amashwa. Abanye abafundi badwelisa iziganeko bangazixoxeli oko kutsho bangazixhasi ngokwebali.

**UMBUZO 15**

15.1 Impixano edalwe kukohluka kwamaxesha abayivezi abafundi bambi benza umzekelo wecala elinye , bathi uZwilakhe unyanzela uGugulethu ngomfazi angamfuniyo uThobeka. Abanye abafundi banika umahluko wexesha lokhanyo nexesha lamandulo basilele ukunika ingxaki edalwe nguloo mahluko. Kumelwe zivezwe zombini izimvo ezibonisa umahluko.

15.2 Basilele abanye abafundi ukuluphuhlisa olu thando naxa selebhubhile uNomaMpondomise

15.3 Abaviwa bayohluleka ukunxulumanisa intetho kaMfundisi neziganeko ezithe zenzeka, ezigudle ezibhangise ulonwabo kuZwilakhe ngokwasencwadini. Babhidwe kukutyhila isigama , ukurhaxwa.

15.4 Isenzi esinomyalelo wokutyhila siyababetha abafundi banika isiganeko qwaba banganabi betyhila nto. Umzekelo bathi, uGugulethu ubulele uThobeka nabantwana ngezembe. Yenza loo nto angakwazi nokuqhekezelwa inqaku elinye kuba amanqaku alo mbuzo adibene. Abakwazanga ukutyhila

15.5 Ingxaki efumaneka kwiimpendulo zalo mbuzo zezabafundi abanika isiganeko/ uluvo olungekhoyo apha kwisicatshulwa.

15.6 Abazazi iziganeko zebali, lo mbuzo ubulindele impendulo yesiganeko esilandela abaviwa banika nasiphi na isiganeko abasaziyo nesingaphambili.

15.7 Kukho imbinana enika impendulo ethi atyhila ukuba batshatile, loo mpendulo ayiniki le mpendulo iphuhlisa obu budlelwano bufunwa yimpendulo yombuzo.

15.8 Impendulo exhaphakileyo kulo mbuzo yethi uGugulethu wayemthanda uNomaMpondomise.

15.9 Uninzi lwabeviwa lukwazile ukukhankanya omabini la matiletile kodwa kukho abajikeleza kwingongoma enye, ayikhankanye anabe ngayo yodwa. Abangawazanga lo mbuzwana ngabo bakhangeleka bengayazi tuincwadi.

15.10 Bacacisa injongo yokumka kukaGugulethu endaweni yokucacisa into anokufundisa yona.

15.11 Impendulo elindelekileyo yeyophawu olukwisicatshulwa, kukho abo banika iimpawu ezingekhoyo kwesi sicatshulwa. Umzekelo: imiyalelo yeqonga .

15.12 Endaweni yokuchasa isenzo sikaGugulethu sokubulala bachaza isizathu esidale abulale. Abanye endaweni yokuchasa basuka bangqinelane nesenzo sikaGugulethu besithi yindlela ebezikhwebula ngayo kwimbophelelo enoThobeka ebengamfuni.

15.13 Basekho abafundi abangayaziyo intlekele abakwazi kuxhasa udidi lwedrama.

**UMBUZO 16**

Kulo mbuzo abaviwa abanzanga kakuhle njengabo baphendule Umbuo 14, unobangela kukuba wona ujonge amacala amabini, icala lendlala evingcileyo necala lomgqwaliso ophethe la makhaya aba mama babini. Uninzi kuxoxa lophele ngendlala lungayi nokuya kumgqwaliso, loo nto ikhokhelela ekubeni banyityelwe amanqaku kuba basilele ukutolika umbuzo.

Bakho abasebenzisa amava abo xa bephendula, basebenzisa isivumelanisi somntu 1, “ndi-”

**UMBUZO 17**

17.1 Kulo mbuzwana abafundi baveze icala elinye, ababonisa mahluko kwindlela zokuzama umali. Kulindeleke ukuba kubekho abaxhatshazwayo nabaxhaphazayo.

17.2 Kukho abafundi abathi endaweni baxele ukua sibhekiselele enini isikhalazo sikaSiqhiwu basuka baphinde bacaphule isikhalazo esi apha kwisictshulwa.

17.3 Abanye abafundi beza nesityholo esinye, esi sokunyobisa ngenyamali kuSiqhiwu, bangasiveleli esi sotthsndo noSiphokasz.

17.5 Impendulo yalo mbuzwana ifuna ubungqina ngokwakwisicatshulwa esi sinikiweyo kukho abanika ubungqina ngencwadi gabalala, benika iziganeko ezingekho kwisicatshulwa esi.

17.7 Endaweni yokutyhila ukuphathwa ngamanwele kukaMaGatyeni bathi isenzo sisenzo esingalunganga.

17.8 Umbuzo ongokuchaneka kwempendulo kaMamQhinebe ethi "ngowam" abawutoliki ngendlela efanelekileyo.

17.9 Uninzi luwufumene lo mbuzwana ngaphandle kwabo banengxaki yokungazi kwale ncwadi.

17.10 Kukho abanika isizathi sokuba athi uMaGatyeni , "Hayi mna andimazi lo mfazi "

17.11 Bawuphendule bhetele lo mbuzo kuba kukhethwa uphawu olunye kwiimpawu ezingaphezu kolunye kwisicatshulwa

17.12 Banika isizathu sokwenziwa kwesenzo endaweni yokuba bachase. Abanye babhala ngokungathi bayasixhasa isigqibo sokuba uMaGatyeni angene kubiwo lweentsana endaweni yokuxela ukuba bezikho ezinye iindlela ezisemthethweni ebenokuzisebenzisa ukuzikhupha kwimeko ebekuyo yokuqweqwediswa nguMamQhinebe.

17.13 Umbuzo ufuna banike uphawu lwentlekele siyolisi. Bona baphelela kwicala elinye, banike uphawu lwentlekele kuphela bangaveli necala lesiyolisi, loo nto yenza bangafumani nqaku kuba olu didi ludibanisa intlekele nesiyolisi zenze uphawu olunye. Lunqongophele ulwazi ngomdlalo oyintlekele siyolisi. Abakwazi ukohlula phakathi kwentlekele nentlekele siyolisi.

| **Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning** |
| --- |
| • Makuqinisekiswe ukuba abafundi bayafundiswa ngendlela yokuphendula imibuzo enezi zenzi ziyalelayo, Tyhila, phawula, Cacisa, Chaza, Khankanya, Nika, Ngqina. Banganikwa imisebenzi eliqela yaseklasini ukuzama ukubaqhelanisa nendlela yokuphendula.<br><br>• Zontathu ezi ndidi zoncwadi iinga zingafundiswa kwibanga le-10,11 ukuze bafike kwibanga le-12 bae beqhelene nendlela yokuphendula udidi ngalunye loncwadi. |

- Kubafundi bebanga le-12 mayigxininiswe/ icokiswe ukubethelelwa indlela yokukhetha imibuzo ukuze kuthintelwe abo balahla amanqaku ngenxa yokukhetha gwenxa.

- Kwimisebenzi yemihla ngemihla mayigxininiswe indlela yokuphendula imibuzo esisincoko ukuze bayazi indlela yokwakha isincoko soncwadi, indlela yokusikhulisa, bazixoxela iingongoma zabo, basiphethe isincoko njengoko bebenayo nentshayelelo yaso. Mabasoloko bezibhaliswa zikorekishwa zibuyele kubo bacacilelwe ngeempazamo abazenzileyo, de bayibambe indlela yokubhala umbuzo osisincoko.

- IsiXhosa ezikolweni masabelwe ootitshala abasifundileyo kwimfundo yabo ebakhokhelele kubutitshala, singasetyenziselwa ukugcwalisela abo benze ezinye izifundo, abalambatha ngomyinge wexesha lokufundisa olindelekileyo kwititshala nganye .

- Abacebisi besifundo mabazame iindlela zokuqinisekisa ukuba iingxaki eziphawulwe kwingxelo kaChief Marker zisiwa iso, ziyahoywa, ziyalandelelwa kwisikolo ngasinye.

- IsiXhosa masifakwe kwizifundo zexesha elongezelelweyo, ukuncedisa abafundi baqhelane nolwiimi lwencwadi, bazazi gqibi zontathu iincwadi abazenzayo.

- Iincwadi zontathu mazibekho ezikolweni, abafundi babenazo ukuze bangaxhomekeki kwiincwadi ezimbalwa abatshintshiselana ngazo kuba yenza loo nto babenelunda lokungakukhathaleli ukuzazi, kuba besithi abanazo.

---

- Abanye abafundi baqeqeshelwa ukuba baqale benze idrafti phambi kokuba babhale, loo nto yenza nakweli phepha lokuphela konyaka baqale babhale idrafti, bambi bayihlabe abanye bayilibale kukorekishwe yona kuba kuqalwe ngayo. Abanye baqala babhale ngelid bacinezele ngosiba kuphele ixesha bengekagqibi ukucinezela, bashiyeke bebhale ngelid nto leyo engavumelekanga.
- Abanye abafundi abanomboli njengoko kunonjolwe kwiphepha lemibuzo loo nto yenza bangafumani manqaku kuba iimpendulo zabo azihambi nezo zilindeleke kwiinombolo zephepha lemibuzo.
- Umcimbi wokukhethwa kwemibuzo ngokwamaCandelo mayigxininiswe ukuze bangalahli amanqaku ngonobenani .
- Kwizithili ngezithili abacebisi mabaqinisekise ukuba kwenziwa ucweyo kuxhotyiswe ootitshala ngokulindeleke kweli phepha ukuze bona baye ebantwaneni beloleke mbombo zonke. Oku kungakuhle xa kusenzeka ukuqala konyaka nakwiKota yesithathu xa kuhlaziywa kulungiselelwa ukubhala.
- Abacebisi mababeke iliso kwizikolo zonke iincwadi zenziwe kuba kukho izikolo ekuqapheleka ngokweempendulo zabantwana ukuba ulwazi lwabo lumfiliba kakhulu kucaca ukuba abanalwazi luphangaleleyo. Oku kuphuhla xa ibatch yonke amanqaku asezantsi kakhulu kubo bonke.

- Mabaqhelaniswe abafundi namaphepha eminyaka edlulileyo ukuze baqhelane nesigama esisetyenziswayo xa kubuzwa imibuo yeli phepha, angathi umbuzo usithi , ngqina.. endaweni yokwenza oko akuyalelwa ngumbuzo asuke athi – andingqini. Mabayazi indlela ekuphendulwa ngayo**.**

**ESIHLELIYO SIDL' UKUHLALA ESIPHILAYO SESITHWETHWAYO !!!!!!**